




I-intanethi ikunika ithuba lokudlala imidlalo, lokuthenga, nokuncokola nezihlobo njengoko usenza kwimihla ngemihla.


Ingayindawo enobungozi ebantwaneni.

Oku kubangelwa kukuba kukho abantu abasebenzisa iintanethi ngeenjongo ezingalunganga.



Abanye abangalunganga kwabo basebenzisa iintanethi ngaba:

- Ngabantu abathabatha ngobusela iinkcukacha zomntu bazisebenzisele inkohlakalo.
- Ngabantu abazizibhongobhiyane ezithetha rhabaxa nomntu, eziphoxisa ngaye, kunjalo bayasithoba isidima somntu.
- Ngabantu abakuqhathayo nabafuna ukuba nobudlelwane nawe, ukuze bakusebenzise ngendlela engeyiyo.



Ukuze uhlale ukhuselekile kumasela athatha iinkcukacha zabantu. Sukwabelana nabo kwi-intanethi ngezi nkcukacha zilandelayo:

- Igama lakho lokwenene
- Inombolo yakho yomnxeba
- Idilesi yakho
- Iinkcukacha (malunga nabantu bakokwenu)
- Isikolo ofunda kuso


Ezi nkcukacha zenza kubelula kumasela eenkcukacha ukuba bazenze wena kwi-intanethi. 3



Umntu oxhaphaza abanye kwi-intanethi ngulowo wenza oku:

- Wabelana nabanye abantu ethetha kakubi ngawe
- Ukuphethe kakubi

Ukumakhasi onxibelelwano, kumagumbi okuncokola kwi-intanethi, kumagumbi okudlala kwi-intanethi nakumakhasi onxibelelwano. Xelela umntu omthembileyo ukuba ukhathazekile ngumntu okuxhaphazayo kubomi bemihla ngemihla nakwiintanethi.



Abantu abakha ubuhlobo nabantwana kwi-intanethi bazama oku:

- Bafumana ulwazi oluphangaleleyo ngawe.
- Bakha ubuhlobo nawe kuba befuna ubathembe.
- Bakhangeleka belungile, benobubele
- bekhathala.
- Bacela umfanekiso wakho.
- Bakwenza oku bekucengela ukuba wenze izinto ezingalunganga.

Balumkele abantu odibana nabo kwi-intanethi.



Akuphelelanga ekufumaneni abantu abangalunganga kwi-intanethi. Kukwakho neenkukacha ezingeyonyaniso nezingalunganga.

Sukukholelwa kwinto yonke oyifunda kwi-intanethi.


Cela umzali okanye utitshala akuncedise niqinisekise ukuba iinkukacha ezikwi-intanethi ziyinyaniso okanye aziyonyaniso.



Xa usebenza kwi-intanethi:

- Luthwale uxanduva.
- Yiba nentlonipho.
- Hlala ubaze iliso, ulumkile.

Xa usenza konke oku, uyakuhlala ukhuselekile kwi-intanethi.



Xa uthumela iinkcukacha kunye nemifanekiso kwi-intanethi unoxanduva lwako konke oko ukuthumelayo.

Cinga ngobulumko phambi kokuba uthumele nantoni na.


Iinkcukacha okanye imifanekiso ingasetyenziselwa ukuphatha wena gadalala okanye abantu bakokwenu.

I-intanethi ayikulibali oko wena ubukuthumele nokuba ungakucima.



Zihloniphe kwakunye nabanye abasebenzisi beintanethi: ngokuthathela ingqalelo oko ukuthethayo, oko ukuthumelayo, noko ukwenzayo.

Ungazivi uneentloni ukuxelela abazali bakho ngayo yonke into eyenzeka kwi-intanethi, okanye nangaye nabani na odibana naye kwi-intanethi.



Hlala ubaze iliso xa ukwi-intanethi. Asinguye wonke okhangeleka ngathi ngumhlobo wakho, ongumhlobo wakho ngokwenene.

Sebenzisa ulwazi olukule ncwadi uzikhokele ukuze uhlale ukhuselekile kwi-intanethi.



—Imibuzo

1. Xela izinto zibembini onokuzenza kwiintanethi.
2. Chaza iindidi zabantu abenza izinto ezingalunganga kwi-intanethi.
3. Kutheni kubalulekile nje ukucela umntuomdala akuncedise xa usebenza kwi-intanethi?
4. Bhala izinto ezimbini ekungafunekanga wabelane ngazo kwi-intanethi.
5. Ungenza ntoni xa uziva ungakhuselekanga kwi-intanethi?



Le ncwadi yamabali yazisa ngesigama sesiseko sokufunda ngeekhompyutha. Lelinye lamabali amane axhasa ukufunda nokufundisa okugxile kubuxhakaxhaka bala maxesha sikuwo. Le ncwadi yayilwa yaza yabhalwa njengenxalenye yeZenex Ulwazi Lwethu eyiprojekthi yokufundwayo kuka-2021. Le ncwadi yamabali inemifanekiso efumaneke ngephephamvume kwiiwebhusayithi (kwiziza zolwazi) zakwaPixabay noPexels.